**ISAZISO SEPHONDO**

**ISEBE LEMICIMBI YOKUSINGQONGILEYO NOCWANGCISO LOPHUHLISO UMTHETHO WOKULONDOLOZWA KWENDALO YESIZWE UMTHETHO WEENDAWO ZOLONDOLOZO EZIKHUSELWEYO, 2003 (UMTHETHO 57 KA-2003) ISAZISO SENJONGO YOKUBHENGEZA IINDAWO NJENGENXENYE YOLONDOLOZONDALO ESELE IKHONA IANYSBERG PROVINCIAL**

UMphathiswa wePhondo wooRhulumente beNgingqi, iMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso eNtshona Koloni (uMphathiswa wePhondo)—

*(a)* ngokwecandelo 33(1)*(a)* loMthetho wokuLondolozwa kweNdalo yeSizwe: UMthetho weeNdawo zoLondolozo eziKhuselweyo, 2003 (uMthetho 57 ka-2003) (uMthetho), unika isaziso senjongo yakhe yokubhengeza, phantsi kwecandelo 23(1)*(a)*(ii) loMthetho, le mimandla ilandelayo (ukubhengeza iindawo ezijonge ukongezelelwa) njengenxalenye yoLondolozondalo esele ikhona iAnysberg Provincial (indawo yolondolozondalo esele ikhona):

(i) Intsalela yeNxalenye 1 yeFama iPiksteel Kuil enguNombolo 10, emi kuMasipala waseKannaland, kwiCandelo laseLadismith, kwiPhondo leNtshona Koloni; kubungakanani: 812, 1293 (amaKhulu asiBhozo aneShumi elinesiBini khoma isiNye isiBini iThoba isiThathu) beehekthare, ephantsi kweSiqinisekiso soNikezelo loMhlaba esinguNombolo T43076/2018;

(ii) Intsalela yeFama iKlipgat enguNombolo 6, emi kuMasipala waseKannaland Municipality, kwiCandelo laseLadismith, kwiPhondo leNtshona Koloni; kubungakanani: 52, 2085 (amaKhulu amaHlanu anesiBini khoma isiBini iQanda isiBhozo isiHlanu) beehekthare; ephantsi kweSiqinisekiso soNikezelo loMhlaba esinguNombolo T43076/2018;

(iii) Intsalela yeNxalenye 1 yeFama iZevenfontein enguNombolo 8, emi kuMasipala waseKannaland, kwiCandelo laseLadismith, kwiPhondo leNtshona Koloni; kubungakanani: 30, 9272 (amaShumi amaThathu khoma iThoba isiBini isiXhenxe isiBini) beehekthare; ephantsi kweSiqinisekiso soNikezelo loMhlaba esinguNombolo T43076/2018;

(iv) Inxalenye 2 yeFama iKlipgat enguNombolo 5, emi kuMasipala waseKannaland, kwiCandelo laseLadismith, kwiPhondo leNtshona Koloni; kubungakanani: 1349, 0051 (iWaka elinamaKhulu amaThathu anamaShumi amaNe aneThoba khoma iQanda iQanda isiHlanu isiNye) beehekthare; ephantsi kweSiqinisekiso soNikezelo loMhlaba esinguNombolo T43076/2018;

(v) Inxalenye 4 (inxalenye yeNxalenye 1) yeFama iPiksteel Kuil enguNombolo 10, emi kuMasipala iKannaland, kwiCandelo laseLadismith, kwiPhondo leNtshona Koloni; kubungakanani: 812, 1222 (amaKhulu asiBhozo neShumi elinesiBini khoma isiNye isiBini isiBini isiBini) beehekthare; ephantsi kweSiqinisekiso soNikezelo loMhlaba esinguNombolo T43076/2018;

(vi) Intsalela yeNxalenye 1 yeFama iKlipgat enguNombolo 6, emi kuMasipala waseKannaland, kwiCandelo laseLadismith, kwiPhondo leNtshona Koloni; kubungakanani: 888, 8247 (amaKhulu asiBhozo anamaShumi asiBhozo anesiBhozo khoma isiBhozo isiBini isiNe isiXhenxe) beehekthare; ephantsi kweSiqinisekiso soNikezelo loMhlaba esinguNombolo T43076/2018;

(vii) Intsalela yeFama iDe Vlakte enguNombolo 263, emi kuMasipala waseLaingsburg, kwiCandelo laseLaingsburg, kwiPhondo leNtshona Koloni; kubungakanani: 2973, 0911 (amaWaka amaBini anamaKhulu aliThobha anamaShumi asiXhenxe anesiThathu khoma iQanda iThoba isiNye isiNye) beehekthare; ephantsi kweSiqinisekiso soNikezelo loMhlaba esinguNombolo T54478/2021,

imida yawo iboniswe kwimephu echazwe kwiShedyuli;

*(b)* wazisa ukuba le ndawo yolondolozondalo esele ikhona nokubhengeza iindawo ezijonge ukongezelelwa kwindawo emi malunga ne8 km kumntla weBoerboonfontein ne14 km kwintshona yeAnysberg, njengoko kubonisiwe kwimephu kwiShedyuli;

*(c)* wazisa ukuba iCapeNature ivavanye ukubhengeza iindawo ezijonge ukongezelelwa, kwaye kuyabonakala kolu vavanyo ukuba ukubhengeza iindawo ezijonge ukongezelelwa eziqulethe inani leempawu ezenza ukuba ikufanele ukubhengezwa njengendawo yolondolozondalo esele ikhona;

*(d)* wazisa ukuba isenzo ekujongwe ukuba senziwe ekubhekiswa kuso kumhlathi *(a)* siyahlangabezana neemfuno zecandelo 23(2)*(b)*(i), (ii) no(iii) loMthetho, njengoko lijolise ekukhuseleni ukubhengeza iindawo ezijonge ukongezelelwa, eneempawu zendalo ezibalulekileyo okanye iintlobontlobo zezityalo nezilwanyana eziphilayo; inokubaluleka kwezobunzululwazi, ezenkcubeko, ezembali okanye ezoovimba bemizila yembali; kwaye idinga ukhuseleko lwexesha elide ukuze kugcinwe iintlobontlobo zezityalo nezilwanyana eziphilayo okanye ukubonelela ngempahla neenkonzo zokusingqongileyo;

*(e)* wazisa ukuba imixholo yeShedyuli kunye neenkcukacha zovavanyo ekubhekiselwe kuzo kumhlathi *(c)* ingajongwa ku-https://www.capenature.co.za/protected-areas-and-stewardship;

*(f)* wazisa ukuba uMphathiswa wePhondo akazi, okwangoku, ngawo nawaphi na amalungelo anokubakho okanye umdla woluntu lwasekuhlaleni, okanye abachaphazelekayo ngaphandle komnini wendawo yolondolozondalo esele ikhona kunye ukubhengeza iindawo ezijongwe ukongezelelwa, onokuchatshazelwa zizenzo ekujoliswe kuzo ekubhekiswa kuzo kumhlathi *(a)*;

*(g)* umema amalungu oluntu ukuba angenise iziphakamiso okanye izichaso ezibhaliweyo ngokuphathelele kwisenzo ekujoliswe kuso esichazwe kumhlathi *(a)* zingekapheli iintsuku ezingama60 ukusuka kumhla wokupapashwa kwesi saziso kwi*Gazethi yePhondo* ngoku—

(i) zithumela ngeposi iziphakamiso okanye izichaso ku-:

Gqr. Ashley Naidoo
IGosa eliyiNtloko lesiGqeba
INgqale kuNks. Kaylin Reid
CapeNature
Private Bag X29
Gatesville 7766;

(ii) zisa ngesandla iziphakamiso okanye izichaso ku-:

Nks. Kaylin Reid
UMcebisi wezoMthetho
CapeNature
kwiKona yeSitalato iBosduif neVolstruis
Bridgetown
Athlone; okanye

(iii) zithumela ngeimeyili iziphakamiso okanye izichaso ku-:

kreid@capenature.co.za; kwaye

*(h)* umema abantu abanomdla okanye abachaphazelekayo ukuba, kwiimeko ezifanelekileyo, bathumele iziphakamiso okanye izichaso zomlomo kuMphathiswa wePhondo, okanye kumntu otyunjwe nguMphathiswa wePhondo, kwixesha elichazwe kumhlathi *(g)*.

Iziphakamiso okanye izichaso ezibhaliweyo ezifunyenwe, okanye iziphakamiso okanye izichaso zomlomo ezifunyenweyo, emva komhla wokuvala zinokungahoywa.

Imibuzo ingabhekiswa kuNks. Kaylin Reid ku087 087 4102.